

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA I
ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER I

Ixesha: 2½ Iiyure

Amanqaku: 100

QAPHELA

1. Eli phepha linamaphepha ali-16.
 2. Phendula yonke imibuzo esephepheni.
 3. Funda ngenyameko, uphendule imibuzo ngokwemiyalelo yayo.
 4. Imibuzo yonke mayiphendulwe ngesiXhosa.
 5. Umthamo wempendulo mawukhokelwe ngamanqaku.
 6. Pela amagama kakuhle, wenze imihlathi ngokufanelekileyo.
 7. KwiCandelo C **unyanzelekile** ukuba uwuphendule umbuzo **3.1**, umbongo ongamiselwanga.
 8. Bhala cocekileyo.
-

ICANDELO A

UMBUZO 1

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo:

1.1

Molo Joyce, ndikhe ndakuxelela ukuba umhle kakhulu namhlanje?

Hayi, Mhlekezazi ...

Ubusebenza nzima kakhulu kwezi nyanga zigqithileyo. Ndiyacinga ukuba ufanele ukufumana into ngaloo nto.

Enkosi, Mnumzana. Imali encinci yamkelekile!

Sobonana eofisini yam malanga.

Kodwa bendicinga uthi...

Uyawufuna umvuzo omkhulu? Kukho abafazi abaninizi abawufunayo lo msebenzi wakho.

[Ivela kwincwadi ye-Life Orientation yaze yaguqulelwa esiXhoseni ngabakwa-IEB]

1.1.1 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo:

UJoyce usebenza njengo ...

(a) nobhalansi.

(b) nobhala.

(c) manejala. (1)

1.1.2 UJoyce uthe ufuna ntoni kuMnumzana? (1)

1.1.3 UMnumzana yena ufuna ukwenza ntoni apha? (1)

1.1.4 UJoyce ukhangeleka eziva enjani xa uMhleleki esithi mabadibane eofisini? (1)

1.1.5 Ucinga ukuba yindoda enjani le? (2)

1.1.6 Bhala eli gama lilandelayo kwisininzi:

'umvuzo'. (1)

[7]

1.2 Inqaku elivela kunomathotholo:

NGAMANYE AMAXESHA KUMNANDI UKUBA MTSHA ...

Mhlawumbi uyakwazi ukuthumela umyalezo we-SMS kwiselfoni. Mhlawumbi uyakwazi ukuthumela umyalezo we-imeyile kwikhompyutha. Wakufunda njani konke oku? Ngaba wazifundela ngokwakho okanye ukhona umntu owakufundisayo, wakubonisa indlela eyenziwa ngayo? E-e! xa ucinga ingaba abantu abadala bayakwazi oku? Thina bantu badala bekumele ukuba singabona bantu **bahlakaniphileyo** nabazi yonke into. Akunjalo? Kodwa basuka abantu abatsha '**balayita**' bafunda ukwenza izinto lula kunathi, umzekelo, itekhnoloji. Basuka '**bazicwabe**' izinto. Thina sidinga ukufundiswa – ngamanye amaxesha sifuna ukuboniswa kalishumi phambi kokuba siqonde indlela izinto ezenziwa ngayo.

Nali ibali elinomdla elingabantwana abatsha baseMpuma-Koloni. Libalisa ngendlela abazifundela ngayo ukusebenzisa ikhompyutha. Abantwana belali yaseCwili, ngenye imini bafumana umatshini ongaqhelekanga eholweni. Lo matshini wawunobuso beglasi kunye nendawo yokucofa amagama namanani – ikhibhodi ke ukutsho. Akukho mntu wabaxelelayo ukuba umatshini lowo – '**uspana**' njani. Bafuna ukuwazi basuka '**bafeketha**' ngawo. Emva kweentsuku ezisibhozo babesele '**begcwele**' kukuba ikhompyutha '**ispana**' njani nento enokuyenza.

Mhlawumbi, abazali bakho, oomalume bakho noo-anti – nabo bazifundele ngokukhawuleza kunabazali babo ukusebenzisa oomatshini abavela ngexesha labo. Mhlawumbi bafunda ukusebenzisa iimoto noololiwe ngokukhawuleza kunabazali babo. Mhlawumbi bafumanisa kulula ukusebenzisa umbane nerediyo balubona noncedo loko. Masithi kulungile ukuba mtsha ... Kwixesha elizayo xa ubona umntu omdala esokola ukusebenzisa umatshini wale mihla, yiba nobubele umncede. Mbonise into amakayenze. Mbonise kalishumi, phinda uqiniseke ukuba uyayazi into ekufuneka eyenzile!

[Esi sicatshulwa sivela kwincwadi uKhanyo, ibanga 7]

Isigama:

bahlakaniphileyo	banengqondo/bakrele-krele
balayita	banolwazi
bazicwabe	bazazi kakuhle/bazenze kakuhle izinto
uspana	usebenza
bafeketha	badlala
begcwele	besazi

1.2.1 Ngoobani aba kuthethwa ngabo apha? (1)

1.2.2 Yintoni le ingafaniyo kubantu abatsha kunye nabantu abadala? (2)

1.2.3 Eli nqaku lithi abantu abatsha bazifunda njani izinto ezintsha ezifikayo? (1)

1.2.4 **Khangela isivakalisi** apha kwisicatshulwa esixela ukuba abantu badala bathatha ixesha elide ukufunda ngento entsha. (1)

1.2.5 Bhala esi sivakalisi kula maxesha:

(a) ixesha elidlulileyo,

(b) ixesha eladlulayo.

Mhlawumbi uyakwazi ukuthumela umyalezo we-SMS.

(2)

1.2.6 Khangela **isikhuzo** esilapha kwesi sicutshulwa. (1)

1.2.7 Khangela **isichasi** seli gama/binzana apha kwisicatshulwa:

Ngokucotha.

(1)

[9]

1.3

Bhota Criselda



UFUNA UKUBA NDIGCINE ISTATUS SAKHE SIYIMFIHLO

Umhlobo wam unemincili ufumene iqabane elitsha. Usandula ukundazisa kwinenekazi elitsha. Ndiyalazi eli nenekazi kuba silanda kunye ii-ARVs eklinikhi. Uye wandifowunela endicela ukuba ndingamxeleli umhlobo wam ukuba une-*HIV*. Andazi ukuba mandithini kweli nenekazi, ndize **ndingcatshe** umhlobo wam?

Mbuso, Bulawayo

Bhota Mbuso: Ndiyaqonda ukuba le nto inzima kuwe kakhulu kodwa ke, asiyondawo yakho ukuxela imeko yempilo ngaphandle kwemvume yakhe. Umhlobo wakho mdala kwaye sikhuthaza 'bantu abadala ababelana ngesondo rhoqo ukuba basazi *istatus* sabo baze bazikhusele. Cinga ukuba ibinguwe udibene nomntu ungekakulungeli ukumxelela nges*status* sakho, kodwa nibe nizikhusela xa nisabelana ngesondo aze yena amxelele. Ungaziva njani wena ngaloo nto? lindaba ezimnandi kukuba uyazitya iipilisi. Uphando lwakutsha nje luthi xa umntu esitya iipilisi kwaye *iviral load* (ubungakanani bentsholongwane egazini) isezantsi, amathuba okwasulela iqabane lakho mancinane. Sekulithuba sihamba le ndlela emva kokufunyanwa kwe*HIV* kwaye kufuneka sisebenzise ulwazi esilufumanayo ukwenzela ukuba sithathe izigqibo eziphucukileyo. Zamani ukonwabela uthando nokuthandana nomhlobo wakho.

[Esi sicatshulwa sivela kwiMagazini iBona; Novemba 2012]

Isigama:

-ngcatshe	ukujikela umntu ngasemva umkhohlise/umqhathe/ukukhohlisa
-----------	--

- 1.3.1 Nika umzekelo omnye wokuba sifumaneka njani esi sifo. (1)
- 1.3.2 Yintoni ingxaki kaMbuso? (1)
- 1.3.3 Ithini impendulo kaChriselda? (1)
- 1.3.4 Khangela isivakalisi esibonakalisa ukuba uChriselda naye une*HIV*. (1)
- 1.3.5 Yintoni igama leepilisi ezisetyenziswa ngumntu one-*HIV*? (1)
- 1.3.6 Abahlobo bakaMbuso kufuneka benze ntoni ukuze bazikhusele kule ntsholongwane? (1)

[6]

1.4

Qala ngoku ukuzakhela ubomi obungcono nge-Nedbank Ke Yona.

Vula i-JustSave Account ufumane imivuzo ngokonga.

YONGELA AMAXESHA KAXAKEKA

APHO UYIDINGA KAKHULU iMALI NGE-JustSave



NET#WOM 8800-601 6727X

Ukuze uzifumanele i-R2 ngenyanga ozakuyonga nge-stop order ngasinye osenze kwi-JustSave Account yakho.

Ungazivulela i-JustSave Account nge-deposit ye-R50 nje kuphela. Akukho ntlawulo ezakuxathula kulemali uyibekileyo.

Qala ukuzakhela ikamva eliqaqambileyo ngeNedbank Namhlanje. Yiya nakweliphina isebe le Nedbank.

MAKE THINGS HAPPEN

The Banker

NEDBANK

[Le ntengiso ivela kwiMagazini iBona, Disemba 2012]

- 1.4.1 Yeyiphi le bhanki ibhengezayo/ithengisayo apha? (1)
- 1.4.2 Ithengisa ntoni? (1)
- 1.4.3 Kuthiwa yongela ...? Gqibezela! (1)
- 1.4.4 Le akhawunti ungayivula ngamalini? (1)
- 1.4.5 Ithengiselwa oobani le akhawunti? (1)
- 1.4.6 Umntu ufumana i-R2 ngenyanga xa kutheni? (1)
- 1.4.7 Kutheni kulungile ukulondoloza/ukugcina imali? (2)
- [8]**

30 amanqaku

ICANDELO B

UMBULO 2

USHWANKATHELO/ISISHWANKATHELO

Shwankathela esi sicatshulwa ngamazwi akho. Bhala amagama angama-210.

Ungabhala **izivakalisi ezihlanu ezinomthamo**;

okanye **umhlathana**;

okanye **incoko**;


okanye **imibuzo neempendulo**;

okanye **umzobo obonisa okwenzekayo**. (Umzobo mawukhatshwe yimibhalwana)

Xa ushwankathela yenza oku:

- Fundisisa isicatshulwa ude usive usiqonde.
- Sebenzisa amazwi akho.
- Musa ukujikeleza/ukuwanqa, hlala emxholweni ungalibali luphindaphindo olungenamsebenzi.
- Dwelisa iziganeko ngokulandelelana kokuhla kwazo, ungaziqubudi, ungazidibanisi.
- Ubuchule kukuba uqale usibhale ecaleni phambi kokuba owona msebenzi uqonda ukuba ufezekile.

UOSCAR PISTORIUS UDUBULE UREEVA STEENKAMP WABHUBHA



Umdlali waseMzantsi Afrika oyintshatsheli kwi-Olimpiki uOscar Pistorius ubanjelwe ukubulala emva kokudubula isithandwa sakhe uReeva Steenkamp kwikhaya lakhe ePitoli.

Kuthiwa uPistorius umdubule entloko, esifubeni nasengalweni, nangona iimeko ezichaphazela le ngozi zingacacanga. Iingxelo ezivela eMzantsi Afrika zithi uPistorius ebecinga ukuba uReeva ngumqhekezi, nangona amapolisa aye akuphikisa oko emva kwethuba.

Kule ntsasa umOlimpiki onembasa yegolide uye wabuzwa imibuzo eSilverwoods Country Estate ngokunxulumene nokudubula endlwini yakhe kwindawo evalekileyo eSilver Lakes, ePitoli. Uye wabonwa ephuma kwisikhululo samapolisa eBoschkop enxibe ihudi egreyi.

Kuye kwanikwa ingxelo yokuba isithandwa sakhe, esasiyimodeli yeFHM, uNkszn. Steenkamp, 29, wayezama ukunika isithandwa sakhe isipho seValentine engalindelanga, ngoku yena uPistorius wacingela ukuba ngumqhekezi. UPistorius onama-26 eminyaka wayeza kuvela enkundleni ngo-2 malanga ngoLwesine kodwa ukuvela kwakhe enkundleni kwamiselwa u-9 ekuseni ngoLwesihlanu.

Ethetha ngoLwesine malanga/emva kwemini, utata kaPistorius, uHenke uthe unyana wakhe wayekhathazekile kakhulu, kodwa uyazama ukuba ngcono. UHenke uphinde waxelela i-*The Associated Press*: 'Sonke sithandazelela ukunikwa iingcebiso nokuqina kuOscar kunye nabazala benenekazi.'

Isithethi samapolisa uBrigadier Denise Beukes uveze ukuba kukho 'iziganeko zengxabano ezikhe zenzeka kwikhaya likaPistorius' ezithe zaxelwa emapoliseni. Isithethi sikaOscar sithe sincedisana namapolisa ukufumana ubungqina kuphando olungokubulawa kwentombi eneminyaka engama-29 kwikhaya lakhe ngale ntsasa. Amapolisa avumile ukuba awazi kuyivumela ibheyile kwaye aveze ukuba enze udliwanondlebe nabamelwane. Abamelwane bathi bave iingxolo kwaOscar kukho abantu abashawutayo.

UBrigadier Beukes uvumile ukuba umfana oneminyaka engama-26 uvalelwe, ubanjelwe ukubulala. Uthi amapolisa ayazi ngeengxelo ezenziwe ziintatheli ukuba oku kufa mhlawumbi bekuyingozi, uOscar ebecinga ukuba kukho umntu oqhekezayo kodwa uthi zonke ezo ndaba aziveli emapoliseni. Akubonakali ukuba kukho omnye umntu ongene ngenkani okanye umntu obengafanelanga ukuba sendlwini ngela xesha. Amapolisa othukile ukuva ngezi zityholo kwirediyo ngale ntsasa ukuba bekucingwa ukuba umfi ngutsotsi.

'Umfi ebengumhlobo wakhe.'

Amapolisa athi ngeli xesha akakabikho omnye umtyholwa. Uvavanyo lwe-*Forensic* lusaqhubeka emzini kaPistorius.

UBeukes uphinda athi: 'Bekukho abantu ababini kuphela eeyadini: uOscar nomfi.'

UPistorius yintshatsheli yoMzantsi Afrika kwaye uthandwa lihlabathi lonke ngokuba yimbalasane kwii-Olimpiki zabantu abakhubazekileyo. Le mbaleki inamendu yaphumelela iimbasa zegolide ezimbini kunye neyesilivere eLandani kwi-Paralympics zika-2012.

UBrigadier Buekes uthi amapolisa anolwazi ngeziganeko ezikhe zenzeka kule endlwini apho ahlala khona uPistorius.

[Eli linqaku le-*Associated Press* livela kwi-Intanethi laguqulelwa esiXhoseni ngabakwa-IEB]

ICANDELO C

UMBUZO 3

Unyanzelekile ukuba uwuphendule lo mbuzo.

Phendula yonke imibuzo ekweli candelo.

UMBONGO ONGAMISELWANGA

3.1

IXESHA LOBUNTWANA

- 1 Limnandi ixesha lobuntwana,
Lifana kanye nezele leswekile
Ixesha lobuntwana.
- 2 Ndivuka ndinxibe endizithandayo,
Zithengwa ngumzali wam ebunzimeni,
Kub'ethanda umntwana wakhe.
- 3 Ndivuka ndisibethe sibe lugaga,
Ndingazi nokuba kube ziinyembezi,
Kophangela mihla le.
- 4 Ndilah!umlenze nditoyitoye kuthi nkqi,
Ndisilwela amalungelo obuntwana,
Umzal'efun'imfundo.
- 5 Kuya kundithatha iminyaka-nyaka,
Phambi kokuba loo nyaka-nyakakazi,
Yeentlungu zakh'icace.
- 6 Limnandi ixesha lobuntwana bethu,
Kophila okomntwana ebuntwaneni,
Akhule ngentlonipho.
- 7 **Limnandi** ixesha lobuntwana bethu,
Kongadinwayo kukulinda umnyaka,
Wokukhululwa kwakhe.

[Ubhalwe nguZodwa Ngashe]

3.1.1 Uthini **umxholo** walo mbongo? (2)

3.1.2 Uthini **umyalezo** ovela kulo mbongo? (2)

3.1.3 Xela izinto ezimnandi ezenziwa ngumntwana ngeli xesha. Nika ibe **nye**. (1)

3.1.4 Nika intsingiselo yesiStanza 4? (1)

3.1.5 **Ithetha ukuthini** imbongi xa isithi:

Ndivuka ndisibethe sibe lugaga? (1)

- 3.1.6 Imbongi ithi ixesha lobuntwana lifana nantoni? (1)
- 3.1.7 Nika **isichasi** segama elibhalwe **ngqindilili** apha kumbongo. (1)
- 3.1.8 Xela indima ibe **NYE** edlalwa ngumzali ekukhuliseni umntwana wakhe. (1)
- [10]

IMIBONGO EMISELWEYO: INTAMBANANE

3.2

INTOMBI

- 1 Awuyonto imbi uyinkwenkwezi.
Usisiqhamo esiqaqambileyo.
Uyintyatyambo eba iliso,
Lishukumise imilebe incume.
- 2 Xa ngoku kubuna wena,
Amehlo ethu abiwa ngubani na?
Xa ngoku kutyhafa wena,
Umkhosi uqiniswa ngubani na?
- 3 Twabululani izandla zingasongeki,
Niqhwabe izandla niyeyezele,
Ningachaseli yeyele yeyethu,
Nibophe imibhinqo nemifutshane.
- 4 Thinzani nizidle ningaqheleki,
Niqhame niqaqambe nibukeke,
Nibukeke nibutyani besizwe,
Nigcine ubuntombi buxabisekile.
- 5 Ningoontontonto abantuku-ntuku,
Oogcinikhaya bamandulo,
Abakhi bekhaya kwakudala-dala,
Abalondolozini nabagcini bomthetho.

[Iqulunqwe ngu R. H. Kaschula]

- 3.2.1 Ithetha ngantoni apha imbongi? (2)
- 3.2.2 Uthini **umyalezo** ovela kulo mbongo? (2)
- 3.2.3 Nika umzekelo **wombuzo-buciko**. (1)
- 3.2.4 Sithetha ngantoni **iSTANZA 1**? (1)
- 3.2.5 Nika **intsingiselo** yalo mqolo/mgca:
Thinzani nizidle ningaqheleki. (1)
- 3.2.6 Nika **isithethantonye** seli gama lilandelayo:
Ukubuna. (1)

3.2.7 **Khangela** kumbongo **isichasi** seli gama lilandelayo:

ukuqina. (1)

3.2.8 Yintoni utyani? **Khetha** impendulo efanelekileyo.

(a) ngugcinikhaya.

(b) yintyatyambo.

(c) ngumkhosi.

(1)
[10]

3.3

IZILO ZIYAKHALA

- 1 Soba yini sesi sidalwa?
Mntu wayisaphi inceda?
Akunguye na umlondolozi wendalo?
Kant'ukhuseleko lwethu lovela kubani?
- 2 Asisena kamva lililo nox'ukho uphila,
Sonke siphila obentshontsho,
Yonk'imihla sim'aphikana,
Asilazi elona khaya lakwasilo.
- 3 Tyholwan'esiligxwidileyo suka ligawulwe,
Ingca esizifudumeza kuyo suka itshiswe,
Inzala kaNtaka itshiswa ihleli,
Kwiziqhanyan'esiziphilisa ngazo sele ukho nawe,
Azi uthi mayiphile njani na enye indalo?
Kwaba ngasa sabalek'mntu!
Silo esingumntu khusela ezinye.

3.3.1 Sesiphi esi sidalwa kuthethwa ngaso apha?

(1)

3.3.2 Sithini isikhalo sezilwanyana kulo mbongo?

(2)

3.3.3 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi:

'Sonke siphila obentshontsho'.

(2)

3.3.4 Nika into ibe nye eyenziwa ngabantu kwizilwanyana apha kumbongo.

(1)

3.3.5 Sesiphi isivakalisi esibonakalisa ukwanela kwizilo?

Khetha kwezi zilandelayo:

(a) Asilazi elona khaya lakwasilo.

(b) Inzala kaNtaka itshiswa ihleli.

(c) Kwaba ngasa sabalek'umntu!

(1)

3.3.6 UMacingwane usinika owuphi umyalezo kulo mbongo?

(2)

3.3.7 Yintoni 'inzala kaNtaka'?

(a) sisizukulwana sakwaNtaka.

(b) ngumama weeNtaka.

(c) ziintsiba zeeNtaka.

(1)

[10]

30 amanqaku

ICANDELO D

UMBUZO 4


Lungisa isivakalisi ngokufakela **isimamva esifanelekileyo** kwezi zingezantsi:

Khetha kwezi zimamva: isa; ana; eka; iwa/wa; ela

- 4.1 Ikati (-leqa) yinja. (1)
 - 4.2 Abatshati (hlonipha). (1)
 - 4.3 Umakhulu (funda) abazukulwana ibali. (1)
 - 4.4 Abantu (-sebenza) imali xa besiya kuthenga. (1)
- [4]**

UMBUZO 5

Jonga le mifanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo:




[Lo mfanekiso uvela kwincwadi ye-Life Orientation Grade 10]

- 5.1 Kumfanekiso 1 inkwenkwe iphethe ibhola (umbhoxo). (1)
 - 5.2 Kumfanekiso 2 amantombazana (-ne) adlala ibhola yomnyazi /iNetbholi. (1)
 - 5.3 (bini) abantu abadlala intenetya. (1)
 - 5.4 Abantu badlala (isanti). (1)
- [4]**

UMBUZO 6

Mataninsa le mifanekiso neentetho ezinikiweyo ngezantsi:



- 6.1 Iphi enye ikawusi yam? (1)
- 6.2 Ndicela ukubona imvume yakho yokuqhuba. (1)
- 6.3 Xa ndikubona undikhumbuza ngezi ntyatyambo. (1)
- [3]

UMBUZO 7

Bhala kakuhle lo mhlathi usebenzise iziphumulisi noonobumba ngokufanelekileyo:

ulutsha luthanda ukusebenzisa iziyobizisi kwayeluyathanda ukunikana izimvo ezingekhoyo ezinye izimvo zilungile ngamanye amaxesha.

[6 ÷ 2 = 3]

UMBUZO 8

Jonga kule mifanekiso **ufakele igama elishiyiweyo** ukuze kubonakale ukuba kwenzeka ntoni:

8.1 Umama uya ... ubeke ibhegi entloko.	8.2 Umama u ...	8.3 Utata unika umama i- ..., umama akayithathi.	8.4 Umama u ... itekisi.
---	-------------------------------	--	--

[4]

UMBUZO 9

Bhala ezi zivakalisi **kwisilanduli**:

- 9.1 Intombazana intle. (1)
- 9.2 Amakhenkwe ebendwendwela abantu abagulayo. (1)
- 9.3 Ngabantwana besikolo aba. (1)
- 9.4 Iinkosi ziza kudibana ngoMgqibelo. (1)
- 9.5 Ibhasi iqengqelekile. (1)
- [5]

UMBUZO 10

Bhala esi sivakalisi **kwintetho ngqo**:

Utata ubuza ukuba ziphi izitshixo zakhe.

[2]

UMBUZO 11

Fakela isivumelanisi esifanelekileyo kumagama akwizibiyeli.

- 11.1 Intombazana izithengele iimpahla (-phelelwe) efashonini/efeshinini/kwifeshini. (1)
- 11.2 Le yindlu (-mdaka) (1)
- [2]

UMBUZO 12

Yakha isivakalisi ngokusebenzisa esi **sihlanganisi**.

yiyo loo nto.

[1]

UMBUZO 13

Lungisa igama elikwizibiyeli.

Sifunda nzima ukuze (-phumelela).

[1]

UMBUZO 14

Nika **isithethantonye** seli gama:

itshomi.

[1]

30 amanqaku

Ewonke amanqaku: 100